

IMVO ZABANTSUNDU

(NATIVE OPINION)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN, NGOLWESI-TATU, NOVEMBER 17, 1886.

[No. 107.

THOS. H. COPELAND,
BATHURST

E-RINI

Uhlala aba neyona mpahla ininzi enjenge

NGUBO ZENTLOBO ZONKE
AMAFELANE

NE NGCAWA

Engagqitwa nayiyipina apa e Koloni ngobuhle. Yena utengisa ngenani eli
linganayo ko Ntsundu nako **mhlope**.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

KEEP WELL. ASSORTED STOCKS OF

Hardware and Ironmongery,

BUILDING MATERIAL,

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES,

Pots—Kafir Hoes —Red Ochre—Cutlery, &c.—
for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

QONDANI!

UKUBA lo ugama lingase zantsi umiselwe ukuba ngu Mteteleli we **Marike**

Oncedisayo, enikwe ne gunya loku tengisa zonke intlobo zempahla chambayo nezinqwelo kulo msito wase Qonce. Ngoko ke ucela abahlobo bake abantsundu ukuba bazi zise kuye impahla zabo abatengisele. Uyakuhlala esenza ngako konke ukuba abafumanisele elona xabiso lipezulu **lase** markeni. Xa impahla ingatengwanga akusokubizwa nto, xa itengweyo imali yayo ifumaneka kwasemva kwe fandesi. Ngoko ke yiza, xelela nezihlobo zako ukuba zizise mhlaumbi zitumele inkabi, nemazi, namatole, namahashe, negusha, ne hangu, yonke into e Qonce ku

O. DONIAN

Umteteli Marike Oncedisayo.

Oyakuku nika nelona cebo lipilileyo lokutengisa ngokutya kwako nge-
xabiso elipezulu le Marike.

UNGA UNGAGCINA IMALI NA?

Ukuba kunjalo zitenge ingubo zako kwa

BROOKS

63, BATHURST STREET,

E-RINI

ISUTI ziqala kwi 18/6. Ibhulukwe ziqala kwi 5/6; Ibhayti kwi 7/6 ; Ihempe kwi 1/, njalo njalo, kuzo zonke izinto zalendlu. U BROOKS utengisa ngezona suti zobu **jentilmane** ezomeleleyo, ezenziwe ngomyalelo ngabasiki base London. Qimiseka ukuba ziyaku kuhlala—ziqala kwi 40/ ; Ibhulukwe 12/6. Amakulukulu entlobo ngentlobo onganuyula kuzo.

Xa umntu aye kusika ushiya 10/- angati ayifumane kwakona ukuba ingubo azimkolisanga.

W. BROOKS & co.,

Abatengisi bengubo **zokunxiba**,

E-RINI

Inyama ne Zonka,

Nento ezinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,
e Nyutawuni nakwisitalato esipambi
kwe ofisi ngase **mcancatweni**.

ADUME KUNENE,

KA
JESSE SHAW (U-Nogqala),
E-BHOFOLO.

Enziwa ngemiti ekula apa e South Africa kupela.

LAMAYEZA aya **yalezwa** kakulu ngumniwo, ngenxa yoku ngqinelana kwawo nezo zifo enzclwa zona; ngenxa yoku kaulenza uku necda noku ngawenzakalisi umzimba; ngenxa yobu pantsi bexabiso lawo; ngenxa yokucoceka ekwe- nzweni kwawo; ngenxa yokungabi nasikwa setyefu; nangenxa yokuba enziwe ngemifune engqinwayo ukuba ingamayeza.

UMPILISI WENENE (The Sure Cure).
Umiza ongazange ungakupilisi ukuluma kwe oka, nezinye inunu.

ELONA (Specific).
Elona yeza lesifo so Xaxazo **lwe** gazi nezinye izisu ezikatazayo.

UM-**AFRIKA** (Africanum).
Umiza ongenzi xesha ukulipilisa izinyo.

UMFUNO^o YEZA (Herbal Tincture).
Elingoviswayo zingangqambo zendlebe, neze bunzi, nokubeka kwentloko yonke.

UMHLAMBI LISO (Eye Lotion.)
Oyena mpilisi wamhelo abulalayo.

UMGEDDI **ORARAYO** (Herbal Alkaline
Aperient).

Eliqinisekileyo ukunceda ukungayi Ngasese, ukungatandi kudla, lcesine nento ezinjalo.

UHLIKHILA (Embrocation).
Amafuta omni okupilisa ukuqaqamba komzimba, Ukuti-Nqi kwa malungu ukuxuzaka, njalo, njalo.

UMDAMBISI (Soother).
Amafuta omni okupilisa ukutsha, ukutyabuka, nezinye.

UMNCWANE WESHLAHLA
(Confection of Rhubarb).

Incindi yoku geda iziswana ezikatazayo zentsana, nezabantwana.

UMATINTELA (Antispasmodic).
Umiza wokupilisa ukungqelwa nezitepu nezinye inkatazo.

UMOMELEZI WASE INDIYA
(Indian Tonic).

Iyeza elilunge kunene kwizifo zokuba butataka, nokungatandi nto itiyiwayo.

UBUGQI (Magic Healer).
Amafuta akupilisa msinyane ukusikwa nezilonnda njalo njalo.

IGUDISA (Emollientine).
Into elunge kunene etanjiswayo ebenza bubebu- hle bugude ubuso.

UMGUTYANA (The Powder).
Lisetyenziswa neli kutiwa "Lelona" xa isifo sokuhamba igazi sendele.

Izalatiso zendlela yoku wasebenzisa zishicilelwe ngokuzalisekileyo zatiwa nca kwi bhofilana nezitofilana ngazinye, eziti zakulundelwa ngokufezekileyo angaze angapilisi lamayeza. Ngekungabiko kaya, nandlu, namhambi ungenawo lamayeza esirweqe sokulumkela okungekehli. Akandwa enziwa ngu JESSE SHAW, Igqira elisebenza ngeniciza, e Bhofofo, atengiswa nguye nge bhokisi nange Bhotile nangamagosa ake kwinkoliso yedolopu zale Koloni yonke, e Natal, e Free State, e Transvaal, nase Indiya.

AMAGOSA ALAMAYEZA—
E Qonce—Dyer & Dyer, Malcomess & Co., D. Drummond & Co.
E Nyqamakwe—Mrs. Savage.
E Monti—G. Lennon & Co.
E Rini—E. Weils.
E Dikeni—E. Stocks.
E Komani—Mager & Marsh.
E Bhayi—H. G. Lennon & Co.
Engusha—W. A. Young, Esq.

I kaya lawo e Fort Beaufort kwa Nogqala.

Indawo Yokuti-Kotso

ko Ntsundu.

INENE LAKWA

QOBOQOBO

Liyacela kulolonke uhlanga Olontsundu Okokuba umisa indhlu yoku xasa abantu abantsundu

Ngokutya Nangokutyisa
abo Amahashe

Nangobuhlanti xa ba quba impahla ozinkomo kwakunye nempahla emfutshane eyakubiza amanani alula.

G. FRAUENSTEIN.

Amayeza Abantsundu.

B. G. LENNON & CO.,

Abapitikezi Bamayeza,
E-MONTI

NGOKU batengise zonke Intlobo, zine zalatiso ezizaliskileyo zibhalwe nge Sixosa kwisiqunyana ngasinye.

Anokufunyanwa ku Mr. P. H. POTTER, e-Jojosi emantloko e Tole, nakwa banye abarwebi. IYEZA LE PALO. Owona mciza wenene we Palo.

IYEZA LOKUNQUMLA, ukuxaxaza noku hlanza.

AMAFUTA EZILONDA.
INCINDI YOKUPILISA AMAZINYO.

I-PILLS (Amagaqana) zenyongo.

AMATONTSI AMEHLO ABULALAYO.

I TURLINGTON yoku sikwa nokuxuzuka nezinye izinto ezinjalo.

IYEZA lika LENNON LOKOHLOKOHLA.

IYEZA lika Stretch Lokuhlilikhla isifo samatambo (Rheumatism) nezinye ezibu njalo, namanye ke.

Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle !

Buzani kuzo zonke ivenkile **enime-lene** nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA
INGUBO

IMINQWAZI IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUNXIBA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa Nakwa-

Ndabakazi HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile **eyofunyanwa** kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjiui (Southey- ville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, nezikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE & CO.

KUSAND' UKUFIKA KWA

PASCOE

ITYALI ZETU ZOBOYA, zitsala igazi.

ITYALI ZETU EZILUFIPA, zipandla ilanga.

INGUBO ZOMTSHATO EZENZIWE kakuhle.

Kwa nentyantyambo nezigqubutelo ngamaxabiso apantsi kanye.

INGUBO ZOKUTSHATA; ZEKABA ZIYASIKWA ZITUNGWE.

IKELEKO, ILINZI, IPRINTI.INTLOBONTLOBO ZELOKWE

ZIKWAKO.

BANTU ABANTSUNDU

Lempahla iyakwenza intliziyo zenu zibete. Yizani kutyebisa amehlo

Paulani amagama ka PASCOE

AMADODA ati ngu SIGINGQI.

ABAFAZI bati ngu SILINDI.

UMTEKETISO ngu FOLOKOCO.

Intlanganiso yase Tsolo.

INTL ANG ANISO yabantsundu ngemfundo Tsolo, yoba ngomhla we 26 November, 8 86, e Mbokotwana ngo 7 p.m., abafuna ukungena botumela amagama abo kum pambi kwe 20. JONATHAN J. LOKWE, Act. Secretary. Mbokotwana, 20th October, 1886.

Ko Titshala.

KUFUNWA o Titshala abane ziqiniseko kwi Simnari yase St. Matthews' (e Mtwaku) Keiskama Hoek. Kunqweneleka ukuba zibe ngabebandla lase Church of England.

Kubhalelwa kutunyelwe iziqiniseko zesimilo nemfundo ku Rev. CHAS. TABERER. October 30, 1886.

BONISANI.

IPONY empevu ebomvu, emanqina amhlope omane. Umsila usingundu. Linendawo ekutukiloyo eluteteni. Ondilandisileyo wovuzwa. CALEB MAHLUTSHANA. East London, 27 October, 1886.

Abatshatileyo.

SAKUBA—PAM LA.—E Qonce, ngo 26 October (Lwezi), 1886, kutshatiswe ngu Rev. Charles Pamla (U Sontombi), encediswa ngo Rev. G. Kakaza wase Debe, no Rev. Jas. Benj. Sakuba (Usosoka) u BENJAMIN, into enkulu ka Rev. J. B. Sakuba, wase Sanerville, Engqushwa, no ANNIE MARGARET, intombi enkulu ka Rev. Chas. Pamla, wase Qonce.

Iveki.

UYACELWA wonke umzi ukuba ulinge kwangalenyanga uyifinyezele ekupeleni kuka December lo imali yepapa. Nentwana encinane iyakwa-

ELHLOBO line ndawo engaqelekiyo. Liti kusaku sibekela kuvuke obudala ubusika. Lize liti lakubalela libeshushu nangokuba ade nabanina asibone mhlope isizatu sokuba intlanga eziseze bunyameni zitanda ukhamba ze; Nomkuhlane uwile ngoku kulo lonke fanuba ikwayi lento yoku ngabi nto nye kwe zulu.

U RULUMENTE wase Ngilane uvumile ukulamkela ela Mazulu ukuba likuselwe nguye. Isiteto abenaso nama Bhulu bavumelene ukuba licandwe pakati elozwe, ama Bhulu abengapaya ngase Nshonalanga, umda wawo usuke kumlambo ongu Mhlutuzi okangelene ne Nkandla, utabate intaba ye Ntlazaty namahlati e Ngome.

KUKO umntu ohliwe yingqakaqa eTshungwana esikolweni.

U MNYATELI, umbulali ka Satana uxhonywe ngom-Gqibelo ogqitileyo kusasa, ute pambi kokuba axhonywe wambulala umntu lowo waye mranela ngokutakata usapo lwake, ke ngoku isono sake sixolelwe selegoduka uya kumsindisi wake.

U MPUKWANA, wase Bhayi, okaya lise Ngqushwa owabeta umfazi wake wafa ulindiselwe i Jaji. Kubonakala ngati waye ngedyedwa mhla wayenza lonto; waye mqatu.

UTE umntwanana womlungu esahamba esitalatweu e Kapa watiwa hlasi ngopondo yimazi yenkomo yanjula pezulu wawakala esiti nknwe esibhakabhakeni, waya kuwa ngasemva kwayo. Uye kumangala unina; umnininkomo wadliwa ishumi leponi (£ 10) ndedleko zegantolo. Abantu mabakulumkele ukugcina inkomo ezihlabane, namahase akabayo, nezinja ezilumayo, noko bona abafazi abangoyikiyo ukuya kumangalela into enje ngati nebe geinwa.

E MONTI kulungiselelwa umboniso we zilimo, nemfuyo nempahla eyenziwe ngeza- ndla, oyakungaziwa ngomnyaka ozayo nge 14 ne 15 ka April.

INGOZI ye palatini. Site xa sipembayo kusasa isicakazana kwamlungu e Dayimani sagalela ipalafini ezinkuni ukuze zivute kamsinya. Ute akuti ntlol imatshisi suka gqul yadubula i palatini zambeta inkuni waya kuntlaleka eludongeni. Latshizeka lonke ikitshi lavuta, umlilo wangena kwezinye izindlu. Intombazana akuko temba lokupila ngayo.

Luti ucingo oluvela e Mtata umkosi ka Mhlangazo wawn setyenzwa liggira, ngolwesiBini Iweviki egqitileyo.

KUNUKWE umntu kwesika Ngwiliso, wacotelwa ebusuku wagwazwa elele, kwabulawa nonina walomntu kunye nomntwana obesemhlan. Ite isa kubikwa ku Ngwiliso lonto wati kulungisiwe libulawe igqwira elo.

E KWELERA kuko indoda engenelwe ngamanye ebusuku ngentonga nangompu yapambanisa yapuma yabaleka, kanti imbumbulu iyifumene. Ibisiya e Monti kwa Mantyi yapelwela ngamandla esitubeni, yasehliya kaffikiswa li Jelimeni egantolo. Ayekubanjwa lawo mabhedengu.

KWISIQINGATA sise Dodoloro kucinywe amagama anga 48 abantu abamnyama evotini ngama Bhulu. Abulewe busulu lawo magama kuba abaniniwo basuke abaya kusipendulela egantolo ngalomini. Iyawa bebengaxelwanga ke ababantu yimantyi epepeni lenteto yabo.

ITYALA lika Ellis no Sheehan balapa e Qonce lokunyatela imali zika Rulumente emafandesini lilindiselwe i Jaji.

KUTE ngenxa yoku nyikima ko mhlab e Mexico kwelase Amelika induli ende ku- nene yacandeka pakati yaqeekeka kubini yahlukana.

AMAFAMA Amangesi nawama Bhulu aqgibe kwelokuba i Jubhili ye Nkosazana mawayibonakalise ngokutumela intsiba ku Mr. Bidwell ukuba enzele umntan' Omhle ingubo entle ngazo.

EZIVILI kubalekwa kukwelwe kuzo ngama Ngesana ziqutywa ngonyawo kutiwa zi bicycles zikwelwa ngabantu abakulu e Ngilane, ngoku kuko nezama ledi elifike lihale njenga xa likwele ehasheni imilenze ibhheke calanye ayiqube ngalunyawolunye. Kukude ebhakubha.

INKEWANA yomlungu ebise Kolesbere iswele imali yokukwela kuloliwe iye apo kungazi bani. Iye kumafama angapandle kwe dolopu yati itunywe ngumlungu wevenkile izekutenga impahla yokuxhelwa. Wakolwa u Mr. Meader kuba ebona ukunxiba kakuhle nokusoma, wayitengisela 30 inkabi zegusha amaketelele ndawonye ne bhokwe nge 12/ inye. Umke engazi bhatalanga washiya ipepa lomnqopiso wentsuku ezimbini. Efikile edolopini wazitengisa nge 5/6 inye wange- na kuloliwe wanyakaza, nanamhla.

SIFUMANA emini nje ucingo luvela Engqushwa lusiti kubambene umfo ka Innes omela abamnyama namagwanga ngokutshwa kwabantsundu evotini. Ibuyiselwe emva into kude kube ngu 3 namhla ukuze ama- qakamba abuye acinge nokuba angeseloyeka na.

IMVO ZABANTSUNDU

NGOLWESI-TATU, NOV. 10, 1886.

Ufefe kwi Nkosi IPEPA lase Kapa za Maxhosa eliyi Times libenzeBubanjeni. le ubulungisa obukulu abantu abantsundu ngenteto elisand' ukuyibhala libongoza i Ruluneli kakulu ukuba mayilise- benzise ilungelo layo lokuxolela ku EDMUND SANDILE nabanye ababanjwa bemfazwe abakonxiweyo e Kapa. Izizatu ekutiwa mayixolele ngazo i Ruluneli zixeliwe kulonteto esiyibonakalisa ngovuyo kwelana- mhla ipepa.

Kute ngokuba kusiza i Jubili yo Mntan' Omhle u Kumkanikazi le- ngxoxo yokuba makubhalelwe kuce- lwe eziya nkosi za Maxhosa nabanye ababanjwa abagwetyelwe ububhantinti yasingatwa luninzi lomzi ontsundu ; ibiseyide lengxoxo yahanjiswa yati ga kwisituba sokuba maseke lencwad i ilinde ukufika komyeni wentombi ye Nkosazana i Marquis of LORNE esiza ne Nkosazana leyo inkosikazi yake u Princess LOUISE njengokuba bekuko ulure lokungati nguye oza kuba yi Ruluneli kweli lizwe ngomnyaka ozayo. Kodwa ke kubuye kwanyulwa u Right Hon. Sir HERCULES ROBINSON kwakona ukuba abe yi Ruluneli eminy' iminyaka emitandatu, siyavumelana ke necebo le Cape Times ukuba olunyulo lwake Umhlekazi malupaulwe ngesenzo sofefe sokuxo- lela ababanjwa. Siyatamba ukuba u Rulumente uya kulamkela naye elicebo kuba lonto ingabangela inkoliseko nembulelo enkulu kumawetu angasoze ayilibale.

ZIHICILELWE

Uviwo lo Titshala. ngolwesi-Hlanu olugqitileyo e Kapa ezingxelo; zipambi kwetu ngoku. Olu lwanamhla uviwo lunezinto oluya kuwafundisa zona amawutu ayitandayo imfundo. Nati soka salate amanqanqan azintloko ekuyiqubeni kwetu inteto engale ngxelo.

Sekuyiminyaka emininzi lingasafikelelwa lulutsha oluntsundu ibakala elipambili loluwiwo eli kutiwa yi "Honours." Uninzi lwabantu besulitile lwakungela indawo ezipakamileyo ebeliba kuzo ikaba pambi ko Ngeyeyebini (1876) kude kube kumnyaka we 1881 lufun' ukuncama, luti, imfundiso yasezi Semnareni ihambe yahamba yaya kuti ngqu esipelweni sayo, ngoku ibuya umva. Kolu lwalonyaka uviwo kuluvuyokazi olukulu sakubona ukuba kwelinani lilula lipumelele kancomekayo ulutsha oluntsundu aluwavumelanga ama Ngesi, lusuke lwapangelana ngayo londawo lwayiimba. Kwelibakala le Honours

zikokelwe yi Semnari yase Nxukwe- be eweze 5; kwalandela eyase Di- keni 3; Morija (Elusutu) 3; Ncmera 3; kwalandela i Rini 2; kwa- sekela i Ngqamakwe 1: no Mtata 1. Kumashumi mabini anesitandatu e Honours i Semnari zabantsundu zabelene nge 18; sati isibhozo asi- yekela eza Mangesi izikolo. Xa siyikangela ngenye indlela singati abantu aba mnyama kanye kwi Honours bali 17, Amangesi asitoba. Pambi kokuba sigqite kulendawo masivakalise ukukoliseka kwetu okokuba namhla kokokuqala emabalini Emfundo apa e South Africa ukuze intombi ezintsundu zinyuke kangaka zide ziyi kuti gqi kwi Honours. U EUNICE FALATI opuma e Dikeni ngowesixenxe kulawo magama akwelobakala. Ulandelwa ngo MAGGIE MLONYENI, CHRISTINA MAJOMBOZI, no CAROLINE MAJOMBOZI bobatatu ngabase Ncmera, owokuqala ngo we 12 omnye 14, omnye 15. Hayi into intle; siyayitula iminqwazi siyakahlela, sisiti " Bayete siwancoma lamanenekazi mane antsundu ngenxa yodumo asenzele lona, nazenzele lona, nalwenzele izikolo afunda kuzo, nalwenzele ezinye intombi. Kulento intombi zase Ncmera zide zenza into engum' mangaliso ezifanelwe ukunconywa ngayo. Ifana nalento yenziwe yi Nxukwebe ekwindawo ebifudula iba kuyo ngenani. Ne Morija ifanelwe kunconywa kuba umntu omnyama opambili kubo bonke upuma kona ngowesine emagameni.

Siti sakungela kwibakala lesi- bini labapumelele kodwa sifike kwakona i Nxukwebe ikwapambili, ipume nesitandatu; e Dikeni, nase Morija, nase Mgwali ka SOGA bangababini; kusekele i Ranandana wamnye; i Rini i i Ncmera i; i Ngqamakwe i. Bebonke abantsundu kwelibakala abapuma ezi Semnareni ba 16. Njengokuba be 68 bebonke abapumelele kwelibakala Amangesi nga 52, inkoliso yawo ngawangase Kapa.

Abantu abake bayifunde into ebhalwa kula mapetshana kutiwa ukubizwa "Yimipako" bangasivumela xa siti akufuneki ukuba kutetwe kakulu ngabanikwe yona, kuba sakuzeke bengapumelelanga sebenikwa imipako nje. Lutandeka ngokukodwa oluwiwo kuba bekungene 243 kwapumelela 94 kupela, yonke enye inkita yaposwa elwandle. Emapepeni oviwo kwakulo nemibuzo ebhido. Xa siyiquka yonke lento singati abapati bezi semnari bayakuzeka amandla ngenxa yesi siqamo somnyaka ogqitileyo.

Ukuhlaulelwa kwe "MVO."

IPEPA LE VEKI ZONKE.

Ose Qonce: uhlaula 2s. 6d., nge nyanga ezintatu xa ayirole kwase kuqaleni kwazo; 3s. ligqitile eloxesha.

Xa litunyelwa nge posi kwe zinye indawo, 3s. xa irolwe kwase kuqaleni, 3s. 6d. xa irolwe emva kokuqala kwe Nyanga ezintatu.

Yonke imali itunyelwa egameni lika J. TENGO-JABAVU.

Amanqaku.

IPEPA lase Lovedale i Christian Express lalenyanga lenza inteto enamandla ngalento bati zizipitipiti zelama Mpondo. Liti: " Seliyawakala ivumba lomhlaba nemimbo, umoya uvela kwelama Mpondo. Siya temba ukuba bonke abantu abalungileyo abantada ukuba kwenziwe imfanelo be- kolwa ukuba yiyo intsimbi edla ezinye bakuyi kalimela lento yokuba i Koloni iruqelwe emfazweni kube kusenzelwa amahlwentshana ambalwa ukuze acole lontwana ingenamsebenzi, kuzo kodwa konakalelwe into emnini yabantu abanye baxwiteke bahlwempuzuke kakubi. Ukuba lento yama Mpondo ayina kulungiswa ngapandle kwenye imfazwe nabantu abamnyama, abantu belilizwe ngebeyi casa lendlela kutiwa iza kuquywa ngayo imfazwe—levokuba ingabi yiyo imikosi ka Rulumente kodwa ibe ngama volantiya anga sokubhatalwa, ayakuzitimbela. Kutiwa yiyanonto ingena ndleko. Siyatamba ukuba lento ayisokwenziwa, kuba xa yenziweyo isimilo sale Koloni siyakuhlazeka kulo lonke ilizwe nehambara yetu nelama Ngesi iyakonakala. Kufuneka ke uluvo lwabantu lu- vakaliswe kakulu emapepeni nangezinye indlela luyicase lento kuse kutsha nje kungekabi semva."

LAMANQAKU angasentla iwenza i Christian Express ngenxa yezimvo ze Watchman yalapa e Qonce ezi iyatamba " ukuba xa kuza kulwa nababantu u Rulumente akasokwenza mikosi iyeyake

bhatalwayo, wosuke abize abantu abakululekileyo ukuba bazenze amaqela-qela ayakupatwa zinkosana eziya kunyulwa baye kuzoyisela elazwe, ze bazibhatele Indleko zabo ngefama abangazabelwayo. Indleko yololulo ingancipha kakulu" Simangalisiwe kakulu sakubona i Cape Argus itelela kolu luvo lwelipepa isiti: " Kumhlana ize icane i Watchman." Ukupendula ezinteto i Express yenza lamanqaku engqondo alandelayo esiyawa- leza kakulu ukuba aqondisiwe ngamadoda elilizwe anoluvo oluhle:—" Amampondo amalunga ne 140,000 ne 150,000 ama- doda nabafazi nabantwana, ekungeko negcudwana elinebhongo lokulwa nati. Ingasuke yonke lonto igxotwe emhlabeni nase makayeni ayi ibaleke iye kungena emagqaleni, mhlaumbi isasaxwe kwizizwe ezikufupi nayo ihale bukonza kona. Ubuninzi bababantu, ngokukodwa abalupeluyo nemilwelwe nabantwana bangafa yindiala. Enye into bungabuninzi imbuzengaba. Ukuba siyiswele imali yokwenz' imfazwe" esi nemfanelo yayo masikupe imikosi eeqeqeshiweyo ebhata- lwayo, okanye masiyiveke kube kanye yonke lento sigcime imikosi yetu nabantu betu Amabhaca nama Xesibe abangele lenkatozo ngezizipitipiti azenzayo. Ukuba abakululekileyo bayakulwa mababhatlwa xa batanda ukuya kulwa, kodwa bangabhatlwa ngomhlaba namaxhoba. Uninzi lwabantu lucinga ukuba ibhatalo ezinye zingacekceka zalive nge Mangesi enene kaleminyaka sikuyo kwilizwe lobu Krestu apo yonke imihla ye Sabata kuti kwakubizwa wesisitandatu nowesibhozo kwimito elishumi kupendulwe ngokutiwa " Nkosi bhekisa intlizayo yetu eku- wubambeni lomto." Imfazwe ezinjalo bezilungele lawamaxesha amanyange, za- zilungile leyezama Arabi awati u Mahdi wati ukuze awayise Amangesi e Khartoum wenza izitembiso zezizulu zamaxhoba angapele ndawo. Lama Mpondo a 150,000 enze ntonina yetu lento siwaxovula kangaka?"

SIYAVUMELANA ne Christian Express kula igqibela ngawo okuti " Lento ifanale amapolisa asiyiyo yomkosi. Ukuba sizingqamamile eziizipitipiti zise mdeni ezenziwa ngamazala omabini ngokukodwa ngama Bhaca nama Xesibe akusokubakho ngozi yokuba life. Asingaboni bateteleli ba Mampondo; kodwa enza into ebesingayenzayo nati ukubuyala ubuhhala ngepmi. BabeAc bati u Rulumente mafamisa abapicoti bokuyilungisa lento. Kwaliwa ngenxa yendleko. Izwe kufa ziyona nto indleko ilula na? Kwabo sebeke bayiqwalasela lengxoxo akuko namancikane amanakani okuba lento bekufuneka lungiswe ngoluhlobo. Ukuba kufunwa ukoyiswa elazwe kuzo kutomalale otile, kungaba bekungeko nto ikoyo kade."

KUBEKO umtshiti kwiipepa lase Rini i Star oti u Mr. J. J. Irvine (u Aluveni) ufa kakulu, yaza lonto yafun' ukuzotusa izihlobo zake ezininzi, ngoku kodwa ezintsundu. Kungovuyo ukuvakalisa ukuba akayiyi kangako lonto kutiwa uyiyi yi Star, kanjako uyachacha yonke imihla. U Mr. Irvine usaza kuke ahambele e Ngilane inyanga naze mbalwa ukuqinisa impilo yake, unduluka ngayo levek; ke simngwenelela ihambo entle elwandle ukusinga paya nase kubuyeleni kwake kweli lase Maxhoseni abekwe kakulu kulo.

NAKUBENI sekugqite inyanga ezitile ivalive iminikelo erolelwa indleko zika Rev. J. D. Don, Amahlubi eramente ze Moravian pantsi ko Kahlamba oluyi Drakensberg atumele i £3 15s., ekubona- kala ukuba ati "akunani ukufika mva kunokuhlala kanye." Leyo mpi yase Matatiele ingene ngomxhelo wonke ekuyenzi leno yavakalisa imibulelo yayo eshushu ngento eyenziwa ngumfundisi u Don. Omnye uvakele esiti " Ngoku siyayibona lento ilutando luka Krestu, ukude umfundisi axolele ukufakwa entolongweni ngena yetu"; omnye wati " Ngoku sibona kakuhle ngapezu kwangapambili into engesiyiyo bengeko abafundisi"; baquba ke ngento ezinjalo. Sicelwa ukuba sixelele abamkeli be Mvo abase Matatiele ukuba u Rev. J. D. Don leyo mali uyisibenzisele esenzweni sesisa; itunyelwe yangumnikelo kwi Tyalike yabantu abamnyama esand' ukwakwisa e Kapa ekutiwayi "Moravian Hill," kuba nangoku ukufika iminikelo kakulu kulondlu. Siyavuya kakulu ukubona ukuba amawetu ayakwazi ukuzazi izihlobo zawo xa kufuneka ekubonakalise oko ngezenzo.

NGATI kuti kungalunga kakulu kute elixa kuse mqatangweni kwako inteto emiyo epuma ku Mampondo ngokwawo. Ezingcingo zimana ukubela e Mtata zibu- pakupaku kakulu. Asikwala ukuba Amampondo ayayifuna imfazwe no Rulumente. Ezizinto zisand' ukhula zibe matshetshetshe ukwenzeka kwazo kamsinya. Ukuba abapati ba Mampondo balumkile ngebexolisana no Rulumente bacele uxolo ngezizipitipiti esenzekile kuba zizo ezi sekusitilwe ngazo kutiwa malife kuba Amampondo agqite umda; ngebacele kwa Iliso le Nkosazana ukuba libahlule no Rulumente wase Kapa kolu dush, Bamise impendulo ka Mr. Stanhope ku Mr. Dillwyn e Palamenteni yase Ngilane xa bacela ukuba lento ibuye ixoxwe.

INZILO iyahamba. Bekuko intlanganiso kwityalike yabantu abamnyama e Barkly East ngo- Mvulo 3 November. Kwahlala li Mr. W. F. Shepstone ngapambili. He ntlanganiso yayi yeyokuba kuyilwe ibuto labazili ekutiwa zi Tre Templars. Kubeko abantu abazintloko be lokishini aba 50 abafazi namadoda, babonakalisa ukuko- lwa kwabo ngumsebenzi ekwakulhange- nwe ngawo. Kute emveni kwenteto ende ka Mr. Shepstone, neka Mr. Edward Miller ilungu le True Templars zase Rini kweza abantu aba 20 kubhala amagama abo besiti bafuna ukungena. Kuzo kuce- lwa igunya kamsinyane, eloti lakufika limiseleke ibuto layo apo.

ULURE olukoyo lolokuba u Mr. F. Dyer ungwenela ukupuma e Palamente, ngati ke kuzakubehle kuvakaliswe oko.

INCWADI EZIFIKILEYO.

Ezincwadi zifike ngaleveki zongena kwaku bako ituba;—W. S. H. M. Omdala; i Bhola e Dayimani; Vazidlwile; S. H. M. Mamfengwini Thoa Memani.

INDYEBO angayibilelanga umntu ubehle adinwe yiyo.

Uviwo lo Titshala.

Kuviwo luka Rulumente lo Titshala elw- lunge 28 September kwangena 243; kwelo- nani ba 26 abapumelele ngokuncomekayo (Honours) ; baza banga 68 abapumelele kodwa ; aza ama 32 abantu abamnyama aka- pumelela aselebhalelwa lamapetshana kutiwa yi " Mipako " ekuti kwakupela iminyaka emibini angabi namsebenzi kuba kutiwa ma- bafundise ixhosa sodwa bona; i 117 latshona akwabonakala notuli apo liye kutshona kona. Nanga amagama abapumeleleyo —

NGOKUNCOMMKAYO.

- Honours. 1 Kupferburger, Lina, Rhea. Insb Stel lenbosch. 2 Naser, Aletta, Pub. School, Venterstad. 3 Weis, James, Missionary Inst. Lavedale. 4 Sello, Akim, Training Inst., Morija. 5 Weber, Carl Edward, Training Institution GenadendaL. 6 Versfeld, Jessie M., Huguenot Sem., Wellington. 7 Dugmore, Jessie Anne, Bowden Academy, near Graham's Town. 8 Falati, Eunice, Missionary Institution Lovedale. 9 Du Toit, Paulina J., Public School Malmesbury. 10 Gregorowski, Mabel, Collegiate School, Port Elizabeth. 11 Webb, Alice, Dio. Girls' Sch., Graham's Town. 12 Mlonyeni, Maggie, Pupil Teacher, Girl's Training Institution, Peelton. 13 Simxo, Charles, Kafir Inst., Graham's TOWE. 14 Majombozi, Christina, Girls' Training Institution, Peelton. 15 Majombozi, Caroline, Girls' Training Institution, Peelton. 16 Ncuca, Samuel, Training Inst., Heald Town. 17 Mqoboli, Elias John, Training Institution Heald Town. 18 Mtombeni, Joseph, Missionary Institution Lovedale. 19 Hlahle, Harry, St. John's College, Umtata. 20 Mayeza, Philip, Training Institution Heald Town. 21 Motibi, George A., Training Institution Morija. 22 Bam, Chalmers E., Training Institution Blythwood. 23 Lutuli, Philip, Training Institution Heald Town. 24 Masiza, Alexander, Kfir Inst. Graham's Town. 25 Possa, Filemon Lavi, Training Inst., Morija. 26 Mdliva, Stephen, Training Institution Heald Town.

ABAPUMELELE KODWA.

- Competency. 16 Leary, Edith, Augusta School, Umtata. 25 Mbere, Mary Jane, Missionary Institution Lovedale. 28 Mogapeloane, John, Training Institution Morija. 31 Tyrrell, Fildede, Augusta Sch., Umtata. 36 Warner, Selwyn, Pub Sch. Lady Frere. 42 Johannes, Jakob A., Training Institution GenadendaL. 44 Mtyobo, Thomas, Kafir Inst., Graham's Town. 45 Earp, Maria, Peelton. 46 Mtsutwana, Alexander, Train. Institution Heald Town. 47 Lolo, Harriet, Girls' Train. Institution Emgwali. 52 Ntloko, William, Train. Inst. Blythwood. 53 Mskinyana, William G., Train. Institution Heald Town. 56 Motsoninyane, Jacob M. Train. Inst. Morija. 60 Stoffile, Walter W., Train, Inst, Heald Town. 62 Magaba, John, Teacher, Wesleyan Mission School Port Elizabeth. 64 Mngunana, Maggie, Girls' Training Institution Emgwali. 65 Langeni, Jeremiah, Missionary Institution Lovedale. 66 Kubevana, Mary Ann, Training Institution Heald Town. 67 Nqana, Simon, Train. Inst. Heald Town. 68 Ngwanyana, Walter S., Train. Institution Heald Town.

Provisional.

- 1 Mazwi, Benjamin, Missionary Institution Lovedale. 2 Dotwana, Joel, Training Institution Clarkebury. 3 Mbewu, Isaiah, Training Institution Clarkebury. 4 Morai, Lebitso, Training Inst. Morija. 5 Kalipa, John Joel, Kafir Institution Graham's Town. 6 Masingetsi, Samuel, Train. Inst. Morija. 7 John, Frances, Training Inst. (Girls), Peelton. 8 Matambo, Elias, St. John's College Umtata. Hannie, Quwie J., St. John's College, 9 Umtata. Sipamla, Moses, Training Institution Bensonvale. 11 Matsibe, Calvin, Train. Inst. Morija. 12 Yekele, Sarah, Train. Institution (Girls) Peel ton. 13 Maphike, Thaddeus, Missionary Inst. Lovedale. 14 Monyakwane, Timothy, Training institution, Bensonvale. 15 Japhta, Lydia, Train. Institution Emgwali. Mskinyana, Charles, Train. Inst. Heald Town. Diowa, Lena, Pupil Teacher, Missionary Institution Lovedale. 17 Smith, Nomi, Training Inst. (Girls), Emgwali. 19 Zidumbu, Martha, Pupil Teacher, Missionary Institution, Lovedale. 20 Mkuhla, Samuel J., Train. Institution Clarkebury. 21 Fini, Robert, Missionary Inst. Lovedale. 21 Njoli, James, Missionary Inst. Lovedale. 22 Soyizwapi, Antony, Training Institution, Blythwood. 23 Koti, Candlish, Training Institution, Blythwood. 24 Mathlanyano; Fineas, Train. Institution Morija. .

We agree also with the *Christian Express* in the conclusion that "the case is one for the police and not for an army. And if we restrain the plundering, which goes on on both sides, but especially by the Bacas and Xesibes, who are British subjects, the danger of war would become daily less. We are not apologists for the Pondos. They are, however, doing what we ourselves should probably do, repelling plundering raids by force. It is believed they asked some time ago for a Government Commission to arrange the difficulty. This was refused, it is said, on the ground of expense. Will a war be cheaper? Amongst those who have examined this question, however slightly, there exists a suspicion that there was no wish to adjust the difficulty. If it is intended to "win the country" in order to please a party, there could have been no real intention."

A PARAGRAPH has been placed on the wings of the press by the *Eastern Star* respecting the health of Mr. J. J. Irvine, and calculated to fill his numerous friends, particularly among the Natives, with considerable anxiety. We are happy to state, that although Mr. Irvine has, for some time past, been in indifferent health, it has not been to the extent to warrant the statement of the *Star*, and, moreover, that he is progressing favourably every day. Mr. Irvine is leaving for England this week for a few months' change, and we wish him a pleasant voyage and a safe return to the Kaffrarian capital, where he is deservedly respected.

ALTHOUGH the "Don Defence Fund" has now been closed some months the Hlubi Christians in several of the Moravian stations at the foot of the Drakensberg, acting on the principle "Better late than never," have sent £3 15s. towards that fund. The Matatiele people have entered heartily into the plan of this fund, and have expressed their thankfulness very warmly, one saying: "Now we can see what the love of Christ is, that an 'Umfundisi' is willing to be imprisoned for our sake"; and another said: "Now we see better than ever before, what we would be without the Missionaries." And so they went on. We are requested to state, for the information of the Matatiele subscribers, that on receiving the subscription the Rev. J. D. Don applied it to a charitable object. It has been given as a contribution to a newly-opened church for Natives in Cape Town called "Moravian Hill," for which funds are still much needed. We rejoice that our people have thus testified that they know and can, when needful, practically show that they appreciate their friends.

It seems to us that a statement from the Pondos themselves of their own feelings and intentions might, at this juncture, be very important and useful. The telegrams from Umtata are of an alarmist character. We don't believe the Pondos are in favour of a war with the Government. The progress of events in those parts seems to be proceeding so rapidly that if they are wise the Pondo leaders should forthwith express regret for the recent raid which is now being turned into a pretext for war by the Gape fire-eaters and refer the matters in dispute between them and the Cape Government to the arbitration of the High Commissioner. Mr. Stanhope's answer to Mr. Dillwyn's question in the House of Commons being made the basis of this fresh application for the consideration of the question.

THE cause of temperance is progressing. A meeting was held in the Native chapel at the location, Barkly East, on Monday evening the 1st November—Mr. VV. F. Shepstone being in the chair—for the purpose of forming a True Templar Lodge. About fifty of the most influential Native men and women of the place were present, and testified a deep interest in the proceedings. After the meeting had been addressed at some length by Mr. Shepstone—as also by Edward Miller, a member of the True Templar order in GrAham's Town—twenty persons came forward and signified their intention of joining. Application will be made for a Charter without delay, and on receipt of the same the lodge will be formally instituted.

"THREE Bond-men are working quietly, and, in a sense, slowly but surely; and it would be well if our English friends pondered over the matter. The *Frontier Guardian* (Dordrecht) reports: "Wednesday last was the day appointed for hearing objections to the newly compiled voters' list. C. C. Campbell, Esq., C.C. sub R.M., presided. Mr. G. C. Topper appeared on behalf of the Wodehouse branch of the Africander Bond, and objected against forty-eight Natives and two Dutch farmers. The parties not appearing to substantiate their claims to be registered, the objection was ratified, and their names struck off the roll." We presume that the Native claimants did not make an appearance because no notice was given them. The cloaking of such information from Natives is an unfair and an unjust act on the part of that Magistrate. A similar course has been pursued towards the Peddie Natives, no public notice having been given them in their own language. In the latter case, however, their friends have been on the alert, and they appear in force to-day before the Magistrate with Mr. Innes as their degal adviser.

THERE is current rumour in town that Mr. F. Dyer, M.L.A., is resigning his seat in the Legislature for the representation of King William's Town. We give it for what it is worth.

Special Telegram.

PEDDIE REGISTRATION OF VOTERS.

[FROM OUR OWN CORRESPONDENT.] PEDDIE, Nov. 10, 11 a.m.—Large at-?? of Natives. Both sides revising List. In order to arrive on a compromise, Count resumes at 3. It is believed a com- promise will be arranged.

We assume that the Bond objectors to Natives, who cannot have known, when lodging objections, those with whom they had to deal, suddenly found their case weak, and determined to consider a compromise.

INGUBO

INGUBO

INGUBO

DYER NO DYER

Zonke ezingubo ngoku zikutshiwe ezibhokisini, zipaulwe ngamanani amancinane kanye

Iminqwazi Yamadoda, 2/6, 3/, 3/6, 4/, 4/6 Izikafu Zoboya ziqala kwi 6d
Ikausi Zamadoda ziqala, 6d.
Intlobontlobo Zezihlangu zihloli zodwa
Izambulele ziqala kwi 1/9
Amalapu Okwenza Ihempe ezo meleleyo
6d. iyadi
Carpet Bags
I Portmanto (Zingxwana Zabahambi ezo)
Inqawa
Ingxowana zempahla Yentsapo Yesikolo
Izikafu

Impahla Entsha kokona ifika
Ngazo zonke Indanawa
Ihempe Ezilushica, 1/3, 1/6, 1/9, 2/
2/6, 3/, 3/6
Ihempe Zoboya, 4/, 4/6, 5/, 6/
Ihempe Ezinemigca, 3/, 3/6, 4/, 4/6, 5/
Ibhulukwe Zetwidi ziqala 4/9 zinyuke
Isuti Yonke Yetwidi iqala 14/ zinyuke
Indulubbatyi Zetwidi 3/6 ,,
Ibhulukwe Zekodi ziqala 5/6
Ibhatyi 5/
Idyasi Ziqala kwi 7/6 zinyuke

Impahla Yonke yokutshata ihleli
Yodwa

Amaqina entlobo zonke

ITYALI ZOB YA ZIQALA, 3s. 9d.

IKELEKO BROWN, 2.5d

IKELEKO EMHLOPE, 2.5d.

Kulese Imvi Zabantu ngabantu nge

Rheumaticuro

Elona Yeza Likulu

Ileli lizwe lengqa qambo zamatambo nento ezinjalo.

Alikazanga lingancedi.

Likwaluncedo olukulu kukutyatyamba Komzimba licisine, Nakwintloko, Nakwezinye.

Benjenje ukulincoma ubake balilinga :—"Uti omnye zipele ingqaqambo (ekubeni besendininyanga ndiqaqanjelwa) emva tyeyure ezine ndiqalile ukuliseka, ndapumla kamnandi obusuku, into ebendineveki ndingasavazi, ngoku ndipilile."

Wenjenje wumbi:—"Eliyeza lindipilise ngokungumangaliso. Bendibulawa sisinqe inyanga ezintandatu kangango kuba bekusuka kube yinqaba ukuma ukuba ndikendahlala. Bendingasena kutoba kuba bendinengeze ndibuye ndipakane. Ibotile enye indipilise kanye."

Omnye uti:—"Benditwele ubuhlungu obukulu ngenxa yokuqaqanjelwa yintloko leminyaka mibini ndada ndalinga i Rheumaticuro, ndivuyiswa kuba ibotile ezine zindinceda kanye."

"Ndingarola," utsho omnye, "iponti ezintlanu ngebotile. Ngolwesi-Tatu olugqitileyo ndite ndakumatela ibotile yokuqala umfazi wam, wabangana kupakama ekoyeni nonyawa, enjalo inyanga : ngalo Mgqibelo uhleli esitulweni."

Uti omnye:—"Lindenzele kanye lonto ubute liyakundzenza, uku ndipilisa ekutyatyambeni kwamatambo. Liyeza angaswela amazwi ukulincoma umntu, alisiyiyo inkohliso njengamanye."

Yiyo le enye imteto : "Wonke endimaziyo nditi makabe nalo, basancedekile bonke abalingileyo, andikeva mntu lingamncedanga." Ukuvakalhai itnvo zabantu ngalo kungazalisa lonke ipepa.

Eliyeza linoku yalezwa kuzo zonke izindlu, zamayezwa, nevenkile, otandayo angalijumana kumninilo ngokutumela 3s. 6d. ngebotile, ongu

JAMES JONES,
46 LONG STREET, CAPE TOWN.

ISISULU
NAKWA BEET

IMPAHLA ihleli yodwa ngase ntolongweni endala. Ingcawa, ilokwe, ibulukwe, amahashi, inkomo. Yonke into oyifunayo Isisulu ! Isisulu ! e Qonce ukangele emarkeni.

HARTIGAN & CASEY,
Abatengisi bempahla ngempahla.

BAHLALA batengisa impahla ehambayo kanye nge nyanga e Mtonjeni nase Balini. Yonke imiso emva kwe malike batengisa impahla ehambayo nokuba yekabanina. Ubani uyinikwa emva kom??to imali. E Qonce, 20 July, 1886.

YIYANI KWA
C. A JAY & CO

E QONCE,
XA SUKUBA NIFUNA—
Izikonkwane—Into Zokusebenza.
Imela ne Folokwe
Ikoyi—Ikomityi ne Pleti
I Lampi
Impahla Yendlu Yonke, njalo njalo
Kukwako imiaesane YOKUTSHATA YE
GOLIDE, neye NGEJI ETSHIPU.

ISISKUMBUZO.] —U—

JOSEPH J. YATES,
OBEKE ESE BAYI,

Ngumteteleli Ematyaleni, ufeza nemicimbi engemihlaba, nento zonke ezifezwa "nga magqweta."

IOFISI.—E CATHCART STREET, esiya e ofisini yemantyi, ukangeleno ne Dreyfus.

Mr. J. A. BRIDGE,,
Igqira Lamazinyo,
No. 1, DOWNING STREET,,
E QONCE.

W. J. DEALY

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, e-Town Hall, Kwisitona esinga pantsi esesitatu, No. 3, Kwinkundla ye marike,
E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Mazimba, no Tapile, no Bran, no Kalika, njalonnjalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngentozinjenkokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitumele kumalana onke e-Koloni.
Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe Nciba awutengisa tshipu kanye.

J. WARWICK TANTON

UNYANA KA MJACU,

Ungu Mteteleni Ematyaleni

Nombhali we Mvumelano
E-MTATA

NGUMFO oyaziyo imteto kwana masiko Esixhosa. Unokumela umntu kumatyala entlobo zonke kwi ofisi yake Mtata ku Mqanduli nase Elliotdale (kwa Bomvana). Izibheno uyakuziquba pambi kwe Mantyi nkuu Emtata.

Lishicilelwa nminilo, u JOHN TENGO- JABAVU ngu HAY BROTHERS, Smith - Street, King William's Town

Lesesha, Paula, Funda, uze Utyize.

X A abulela abaxasi bake ababetenga kuye, lo ogama lingapantsi namhla wenza isimemezo sokuba amalungiselelo uwagqibile okufumana impahla evela e Ngilane ize kuye ngenqu zonke inyanga. Impahla yokuqala eyakufika ne nqanawa yobalapa mayela pakati kuka August lo. Kautze kuhlola. Ndinika amaxabiso awona makulu nge Mveliso yeli lizwe enjengo boya nokutya njalo njalo kuba ndiya kayitumela e Ngilane ngokwam.

P. H. POTTOR.

E Jojosi, July 27, 1886.

YEKA UKUSELA UTYWALA.

KODWA ke ukuba uyabusela, sela obungangxengiweyo obucocekileyo, wobufumana ke kwa

O. DONIAN, Kwi Bala le Marike.

Yena akatengisi bumbi, ngobulunge kakulu.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,

UMZI ontsundu ucelwa ukuba ukangelise lamayeza abalululekileyo.

E-Bhulorweni nase Durban Street.

Ngoku bazilungiselele ukurolo awona ma xabiso makulu

Ngoboya, Nezikumba, Zenkomo, Nezebhokwe, Nezegusha.

COOK Elika Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile. Elika

COOK Iyeza Lokukohlala (Lingamafuta). 1/6 ibotile. Aka Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

COOK Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile. Ezika

COOK Ipils. 1/ ngebokisana. Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebotilo.

COOK Oka Umciza Westepu Sabant- wana. 6d ngebotile. Oka

COOK Umgutiyana Wamhlo. 6d ngesiqunyana.

KWA G. WHITAKER,

kwi-

venkile etengela nentwana ezincinane kuko, kutengelwa tshipu kanye Umbona, nento ezinjalo, Umgubo, neswekile/njalo-njalo, njalo-

J. E. L. KULLING,
New Street, E-Rini,

Niqondise ukuba igama nga

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba Ngawenkohliso angenalo igama lake.